URhulumente weNtshona Koloni

ISebe leMfundo leNtshona Koloni
Christelle Barkhuizen
ICandelo le-*eLearning*
Christelle.Barkhuizen@westerncape.gov.za | 021 467 2410

Inombolo yefayili: 24/2/1
Isalathiso: 20241202-9012

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: 0005/2024

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne-*GET*, kuBaququzeleli besiGaba esiSiseko, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nakootitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente

Isihloko: Ukukhuselwa kwezixhobo nedivayisi ze-*ICT* ngethuba leholide yezikolo yangoDisemba

1. Ithuba leholide yezikolo yangoDisemba lidume ngokuba lixesha apho izikolo ziba sesichengeni sokuqhekezwa okanye sokonakaliswa. ICandelo le-*eLearning* licebisa izikolo ukuba zikuthathele ingqalelo ukuqinisekisa ukuba izixhobo needivayisi ze-*ICT* zine-inishorensi (*insurance*) eyoneleyo nokuba ziqwalasele namanyathelo okukhuselwa kwezixhobo needivayisi ze-*ICT*.

2. Ngoko ke, le ngcaciso imfutshane yeyokucebisa nokukhumbuza izikolo ngokuba ukukhuselwa kwezixhobo needivayisi ze-*ICT* ezikolweni ngethuba leholide yezikolo, kuya kunceda ukuqinisekisa ukuba izixhobo needivayisi ze-*ICT* zinokusetyenziswa ngokuqhubekekayo esikolweni ukuba zisemgangathweni.

3. Makuqwalaselwe la manyathelo okhuseleko ambalwa phambi kokuvalwa kwezikolo ukulungiselela iholide ngoDisemba:

- Makuqinisekiswe ukuba i-inishorensi yesikolo (*school's insurance*) ayiphelelwanga lixesha yaye ibonelela ngekhava (*cover*) eyoneleyo njengenyathelo lokulungiselela imini kaxakeka isikolo esinokuthembela kuyo ukulungiselela izixhobo needivayisi ze-*ICT*.

- Makuqinisekiswe ukuba kwenziwa isistim eyi-*backup system* ukugcina iifayili okanye idatha enokonakaliseka kwisistim yakho (ukuba iisistim azizenzekeli ngokwazo ukusebenzisana kwinethiwekhi kwikhompyutha (*sync automatically to the cloud)*.

- Iiseva neeswitshi (*servers and switches*) akufuneki zicinywe yaye umbane kufuneka uhlale usebenza njengokuba zibekwe esweni ziisistim zeenkonzo ii-*centralised services*.

- Zonke iindawo ezinezixhobo zekhompyutha ezisetyenziswayo (*work stations*) kufuneka zicinywe ngendlela efanelekileyo.

- Makukhuselwe izixhobo ekukhanyeni kwelanga okuza ngqo yaye mazikhuselwe kuthuli ngokuzigqmuma ngeekhava zokukhusela uthuli (*dust covers*) okanye izingxobo ezimnyama ezifanelekileyo.

- Makuvalwe ii-*blinds*/ikhethini (*curtains*) ukuzikhusela izixhobo needivayisi ze-*ICT* ekukhanyeni kwelanga okuza ngqo nokonakalisa izixhobo.

- Makuqinisekiswe ukuba iifesitile zivalwe ngokufanelekileyo okanye zitshixiwe ukuthintela ukungena kwesanti nothuli kwizixhobo needivayisi ze-*ICT*.

- Kwiindawo ezinobungozi ngokukhulu, izikolo zimele ukuthathela ingqalelo ukugcinwa kwezixhobo needivayisi ze-*ICT* kwisefu yesikolo okanye kwindawo elungiselelwe ukugcinwa kwezixhobo ngokukhuselekileyo.

- Kucelwa niqinisekise ukuba isistim ye-alam (*alarm system*) ilayitiwe yaye iyasebenza kakuhle phambi kokuba kuhanjwe esikolweni yaye ziyasebenza iiswitshi zeenkonzo zokubeka esweni i-alam (*alarm monitoring*) nezenkonzo zokhuseleko zamagosa anemipu (*armed response*).

4. Emva kwethuba leholide:

- Makubuyiselwe iiplagi zombane (*electrical plugs*) kwiisokethi eziseludongeni (*wall sockets*).
- Makuqinisekiswe ukuba inethiwekhi (*network*) isebenza ngokupheleleyo.
- Ukuba ayisebenzi, makufonelwe okanye makuthunyelwe umyalezo ngezi ndlela zilandelayo:
- Kwi-*SchoolsIT Service Desk*: **021 834 4690**
- *Ku-WhatsApp* (umyalezo obhaliweyo): **021 900 7123**
- *Nge-imeyili:* SchoolsIT.ServiceDesk@westerncape.gov.za

5. Kucelwa nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abachaphazelekayo ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-BJ LORISTON
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEKHARITYHULAM NOLAWULO LOVAVANYO
UMHLA: 2024-12-06